# Imfundo

Sisixhobo sokulola ingqondo;
Iloleke de ibebukhali
Ekucingeni nasekuqiqeni;
Sisixhobo esingebonwa ngeso

Lilifa esalishiyelwa ngokhokho;
Balilwela kontam’ inecingo
Saxhamla kuba sisaxhamla
Sizityebisa ngolwazi nobukrelekrele

Ngawe mfundo kuphum’ iinkokheli
Izithwalandwe njengoMadiba
Ngawe mfundo kuphum’ izinxibamxhaka
Abefundisi njengoDesmond Tutu.

Mnt’ ongenay’ imfundo akananto;
Mnt’ ongenay’ imfundo akanalwazi
Mnt’ ongafundanga akayindawo
Mfundo ulilifa laphakade

NtsimbamaZizi Sibongile Potelwa

# Indebe Yomhlaba Kwibhola Ekhatywayo

Hala-a-a-a-a-la! Vuka Afrika-a-a!
Ivukile i-Afrika yathi gomololo
Kwakikizela nosebeleni yimincili
Nkqu nezibotshwa zazal' imincili
Aw' evuk' amadyongwan' amadala
Into zooDanny Jordan nooIrvin Khoza
Zaxhathalaza zinkalenkaleka

Tyeli lokuqala sabuya neyesikhova
Ngqondo ncinci waseSwideni wasingcatsha
Mfo kaTshalisi Dempesi wav' amantyontyelo
Watyhwatyhwa kwangcangcazel' ingxaza
Sangqukrulek' isihlwele sasemhlabuhlangene
Zajijithek' iinkokhel' inkukh' isikumlomo
Wafuth' okaBalfour izalel' endl' ikhanka
Laphanz' ilinge, wachithen' ibalekile

Libunjiwe kwabotshw' amabande kwelesibin' iityeli
Saqhumis' impepho lasibekela elase-Afrika sity' imu
Zaxhum' into zooMadiba nooStofile zabhinq' omfutshane
Baphumil' oonozakuzaku besingise kwelaseZurich
Yavunyw' ingoma kunqulwa kuthandazwa
Yavakal' imikraso nenzwinini kucengw' uQamata
Yadanis' eyabaThemb' ipon' esikelelweyo
Ngendyebo yeentsikelelo zamanyange

Yatyhilw' incwad' equleth' ookukhulu
Labizw' igama nguSephi Bhulata unyana
Mzantsi Afrik' umsingathi weyama-2010
Nkxwe nkxwe kwidolophu nedolotshana
Yangamahaya haya iyimigcobo nemivuyo
Yayimincili kubemi beli nakubatyeleli
Satsho sonke ngazwilinye, siyaya phambili
Sacamagusha sathi makube chosi kube hele

Sasina sisadusadula, sixhentsa sityityimba
Kuxhelw' exhukwane ngangathi siphumelele
Sakrabhela sisith' ibuyil' i-Afrik' emabalabala
Kwambejembeje kwayimibalabala jikelele

# Ingulo Yam

Ngulo yam iyandibhokodisa;
Ayindilalisi imini nobusuku
Ngulo yam iyandintlokothisa;
Indiphathisa ngophuku

Ngulo yam ayifun’ ugqirha;
Iyeza layo lisekhaya
Andithakathwanga gqwirha;
Ndophiliswa ekhaya

Abaninzi bayayibaleka;
Mna ndiyayisabela
Isininzi siyayinyasha;
Mna ndiyayamkela

Bizo lwam lokhanyisel’ isizwe;
Ibe yimpiliso kwabagulayo
Amaqwil’ azophilis’ isizwe;
Kuso isizw’esigulayo

Ungandihleki kuba ndiyagula;
Ngokukwanjalo nawe uyagula.

NtsimbamaZizi Sibongile Potelwa

# Inqenerha

Nqenerhandini vuka kusile;
Yint' ezwabulukayo ilulovane
Izamle umzamlo wobuvila
Linqenerha lo mntwana

Umthuma okuncinanana;
Sele uva ngenkwin' endengendenge
Int' esindwa nazinyawo zayo
Isantya lunwabu gqibi

Ungcathu ngemikhon' urheme
Ululwantwentwe ngesis' uphopho
Sisikhuthali xa kuginywa ukumala
Sisityhifilili senqenerha emsebenzini

Ngekh' abenje fuz' int' ephilayo;
Lichostil' elingaphakamis' izihlahla
Thetha ngembiza sele etsibel' entla
Thetha ngomsebenzi sel' ebik' ihlaba

Ungabinaphupha lokuba linqenerha;
Awuyi kuphumelela ebomini nje tu
Wophila ngolal' imini nobusuku;
Wod' uy' olala kobandayo ulinqenerha

NtsimbamaZizi Sibongile Potelwa

# Intsente

Lixolo likaxam,
Rhabaxa kwinyawo zam
Sisimo esisodwa andisazi
Asindonwabisi nje tu

Ndigxekekile kubahlobo
Ngawe mhlob’ am wexeshana
Ndikhethekile kubanyatheli
Ulukhwekhwe lexhwili mhlobo

Ndiyakulola awupheli mandla;
Undityelela ndingakumemanga
Ungumhlob’ onjani na wena,
Le nto uza ngesibi nje?

Nyawo zam asizozam;
Kuba azinje ezam’ inyawo
Le nt’ umaxoloxolo
Namasa obhululu beza bengamenywanga

NtsimbamaZizi Sibongile Potelwa

# Intwala

Qum! Qum! Siyatyobatyobana,
Tyhini yintwala bafondini
Yondlekile kway' itukutuku;
Igazi kukutya kwayo

Intlok' imthwebetshu,
Imbejembeje ukuhombiseka
Tyhini! Bantu ngoonomoyi
Tshitshilili macal' onke

Qanduseliyani, yimigqutsuba
Int' ezincukuth' igazi
Abhity' umntu abelucingo
Axwebe ngangathi akasatyi

Zinyuquze lakutshis' ilanga
Zitsho ngobobumnyama bazo
Kuba zihlala hlathin' elimnyama
Zizimele lakuqhaqhazelis' amazinyo

Ntwala zentloko zemka zayakusithela
Ntwala zempahla zazeka mzekweni
Mnt' onazo namhla ulihlazo
Qum qum ndayibulala kwakhona

NtsimbamaZizi Sibongile Potelwa

# Isikhalo

Nzwinini yani le inkentezay’ emazants’ apha
Yazinga isizungu sent’ engavumi kuthomalala
Sakrasa kwachachamba iifesitile neegilasi
Sankenteza kwakhenkceza emazinkini namawa
Sisitsh’ emazants’ emathunjin’ esisu somnawuki

Ikrasil’ imveku kungekho msabeli uphuthumayo
Yajweda yajubalaza ijampalaza
Isisu silucwayi nca emqolo asinamathumbu
Kugqub’ inkunz’ endlala ikat’ ilel’ eziko
Satsh’ isikhalo esikrakra kwatsha nelizwi

Qulukubhode ka phantsi naphezulu
Mdudo kanonkala zange ndawubona
Nkokheli zethu ngci indleb’ ukuthunteka
Ziqwalasel’ ezifubeni zifihl’ ubuso buchaziwe
Ubuntu bandlokothiswa lungcikivo baphela nya
Akucingelwana kuba liyazinqakulela nje

Mnt’ ujikijwe wajijithek’ ejikela uwabo
Ngenxa yedemokhrasi enamabatha-batha
Ntliziyo zabantu zaxhonyw’ emthini
Ngqondo zahiyahiyazwa kwaseluhayini
Lakelem’ ilizwe kwazal’ iinyoka namaxoxo
Phuthumani sizingile isikhalo esapha

Bayaphi ubu-Afrika sibenegugu ngabo
Siphuthume sisindis’ imiphefumlo egetyengwayo
Kuba izikrelemnqa zixandile zinqunqel’ egoqweni
Aphi na amadod’ ayemel’ ikhaya nesizwe
Afe umntu nithe phuhl’ amehlo, ungumntu nyani?
Uyahexahexa nqwa negusha enomzananda

Ingab’ ingqumb’ egqubayo yeyeminyanya na?
Ewe, kaloku sahluthwa samfanyekiswa ngoontloyiya
Sisafathula nanamhla sikhululekile ngumntontsundu
Kuyin’ ukungcikiv’ ucudulel’ urhintyel’ ubomi babantu
Uyincukuth’ emilenze mibini engazange yalanywa
Xa ndinawe ndinenkokhel’ engasinkokheli nje tu

# Isinqinanqina Ndim Lo

Ndingumf’ osiqququ sesiqiqiqi int’ engadinwayo
Ndihla ndisenyuk’ andibikwa nehlaba eli
Ndithule ngekh’ uve ndinkwininkwiniza nje tu
Amendu endinaw’ ungathi ndisisikhotsholo gqibi
Ndibile ndithi xhoph’ okwenqugwala
Kungekho mnt’ onesazela nenimba ngam;
Wakuthula wokucwany’ entlok’ umnt’ ungaqiqile
Ndithule andithethi ndiyasebenza nje qha
Abanawuki baman’ ukwalathisana ngam lo
Suke bandiwe ngentsini endengendenge kephofu
Ngangathi bayaqal’ ubon’ umnt’ osokola ngam lo
Ntsokolo asinto ndizelwe nayo nje tu
Kuyaqaleka ukuba nomnt’ osokolayo ngam na?
Ivili liyajikeleza yaziwa nanguthathatha lo nto
Gqolo ukwehla ndinyuka ndizam’ impilo engcono
Andiphuml’ imini nobusuku ndimaxhaphetshu
Mpumlo yam yofika mhla ndakhab’ ibhekile
Ndiphumle uphumlo lanaphakade

NtsimbamaZizi Sibongile Potelwa

# Uhlohlesakhe

Ngusigaxa-mabhandi umankunkxa
Ngungxowa zengxaza zixangxathekile
Sisu siliswayiswayi zange sanela
Nguhlohlesakhe kelowo

Umf’ omkhulu ufanelekile ngekh’ ukrokre
Lizwi lakhe lelimyoli ngekh’ unakane nto
Mehl’ wakhe atshawuz’ okomban’ ezulu
Kub’ ulaqaza anakukugusha kwezongxaza

Uqokelela konke engenalusini lamntu
Uxhwitha kweziphilayo efileyo uyayitshikilela
Uqine ngelithi yakha ngoboya benye kaloku
Nguhlohlesakhe waginy’ izembe libomvu

Mahlal’ exhinele phezulu engathethi nje tu;
Solok’ efutha engabiliswanga nto
Akathethi ntonje ufumb’ esakhe yedwa
Nguhlohlesakhe umaqhingashe kelowo

NtsimbamaZizi Sibongile Potelwa

# Umnt' Onomsindo

Tyhini walugcwabevu waphela;
Ewe wafuth' okwenkunz' enkomo
Wgquba ngaphakathi kungekho ntetho;
Lugcwabevu ufing' iintshiya

Uthule akabhodli nto;
Kub' ibhodlela alikazali
Lakuzal' uyagqabhuka;
Kunge kudubul' isiciko

Msindo wani na lo?
Wajijitheka umntu sikhangele
Ulugcwabevu akaphezi;
Ngenxa yomsindo

Wakubhodla kutak' amabibi;
Ubusadusadu kuye le nale
Adanduluke okomprofeth' onomoya
Akabambeki de kuhl' umoya

Msindo awulawuleki;
Msindo uyabulalisa
Mnt'onomsindo akanqandeki;
Yabho-o-odla! Madoda isanqange

NtsimbamaZizi Sibongile Potelwa